URhulumente weNtshona Koloni
EzoThutho nemiSebenzi kaRhulumente

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

INGXELO **YE-TPW KWEYENKANGA**

Ukuhanjiswa kwezibonelelo zempilo

ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu leNtshona Koloni lihambisa izibonelelo neenkonzo ebantwini bephondo ukukhuthaza iziphumo ezihle zoqoqosho neendawo esihlala kuzo ezikhuselekileyo, ezimanyeneyo nezixhotyisiweyo.

Isakhiwo esitsha seenkonzo zesifo sengqondo sezigidi ezingama-R35 esakhiwayo sithetha nje kwisiBhedlele sasePaarl kucwangciselwe ukuba sigqitywe kweyoKwindla 2016.

Eli ziko liza kubonelela ngesakhono esisodwa sokujongana nokunyuka kwamanani ezigulane zesifo sengqondo ezamkelwa sesi sibhedlele. Kuza kubakho iwodi entsha eza kungena iibhedi ezingama-30 (iibhedi zamadoda ezili-17, ezamabhinqa ezili-10 ze ezishiyekileyo ibe zezeenkonzo ezizodwa), kwakunye neendawo zokuhlala nezokuchachela ngexa umntu eselapho kuso, iindawo ezingaphandle ezibandakanya ikhothiyadi neeveranda, amagumbi amane okuxilongela, kunye neendawo eziliqela zeenkonzo ezithile.

Xa sele sigqityiwe esi sakhiwo sitsha, ziza kutsho zifikelele kwezinye iinkonzo zonyango ezinabileyo zonakekelo lwempilo yazo izigulane kwesi siBhedlele sasePaarl. Lo ngomnye umzekelo obonisa ukuzinikela kweSebe kunye namahlakani alo kunikezo-zinkonzo ezisemgangathweni kubo bonke abantu baseNtshona Koloni.

Siyakhokela ekuhanjisweni kwezibonelelo zikarhulumente kunye neenkonzo ezinxulumene noko. **UBAMBISWANO NGAMANDLA**